## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi 2 x 25 = (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candela B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama -80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama -70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama 340−390.

### UMBUZO 1

1.1 Ungandiboni ndilidlakadlaka elinje namhlanje. **[50]**

1.2 Onjalo umbono ukoyikeka. **[50]**


1.3 Izinto endinqwenela ukuba sendinazo ndakufikelela kwiminyaka engama-25. **[50]**

1.4 Amasi abekwe elangeni. **[50]**

1.5 Yonke into inamacala amabini. **[50]**

1.6 Ifuthe labahlobo liyalongamela elabazali. **[50]**

1.7 1.7.1 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.




**[50]**

[www.googlesearch.com]

1.7.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.




[www.googlesearch.com]

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100-120 (umxholo kuphela)

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uManejala wenkampani ebixhase iqela lenu ngemali ubulele igalelo layo. **[25]**

2.2 **I-OBHITSHWARI**

Bhala i-obhitshuwari yommelwane wakho. **[25]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba uveze uluvo ngokubaluleka kokuthatha inxaxheba kwiingxoxo-mpikiswano. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi okhe wayifunda **[25]**

2.5 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni ngokubaluleka kokukhusela isikolo sakho. **[25]**

2.6 **UDLIWANONDLEBE.**

Bhala udliwanondlebe phakathi kwakho noSodolophu uxhasa uluvo lokuba kuthotywe iminyaka yabantu abaselungelweni lokuvota, ibe lishumi elinesithandathu. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B (2 x 25): 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**